Isiqinisekiso sesibini

Isihloko sesifundo: UMoya oyiNgcwele - Inqaku lesithathu loKholo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 2 esithi **“UMoya oyiNgcwele - Inqaku lesithathu loKholo”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku…)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Thetha kunye nomphathi webandla wesikolo seCawa okanye utitshala wesiQinisekiso ukufumana inkcukacha eyongezelelweyo. .

Isifundo

Isihloko seSifundo	UMoya oyiNgcwele - Inqaku lesithathu lokholo
Isifundo seBhayibhile	Isifundo seBhayibhile esibhalwe kwisishwankathelo sesifundo esingezantsi. Isahluko 3, Imibuzo Neempendulo 43; 197; 198; 202; 204
Injongo yesifundo	Abaqinisekiswa bayabazi ubutyebi ababufumene ngoMoya oyiNgcwele. Bafuna amandla awo ukuba asebenze ebomini babo.

Isishwankathelo sesifundo:

<u>Silisebenzisa nini igama elithi "ngcwele"?</u>

- Xa ingelosi yabonakala kuMoses kwityholo elivuthayo kwaye uMoses wayemangalisiwe yinto awayibonayo, wasondela kufuphi ukuze abone, uThixo wazazisa emva koko wathi kuye, “Khulula iimbadada zakho ezinyaweni zakho, kuba loo ndawo umi kuyo ingumhlaba ongcwele.” (Zenzo 7: 30-33 kunye neEksodus 3: 2-6)
- **Ubukho bukaThixo budala ubungcwele.**
- ‘Ngcwele’ kuthetha ukwahlulwa koko kuyinyama, okuqhelekileyo nokungahlambulukanga; kuthetha ukuzinikela kuThixo.

Imimoya eyahlukeneyo kunye neengcinga:

- Kukho imimoya eyahlukeneyo. Funda ku1 Yohane 4: 1.
- Kufuneka siziphephe iingcinga ezingaqhelekanga kuThixo nezingahambelaniyo nevangeli njengoko ezi ngcinga zifuna ukusikhokelela kude noThixo.
- Amaxesha amaninzi ezinye zeengcinga zibonakala zisengqiqweni, kodwa ke zijolise ngqo ukuchasa uThixo.
- UThixo, uMoya oyiNgcwele, ungumntu wesithathu kuThixo oziqu zithathu.
- UMoya oyiNgcwele nguMncedi uYesu owathembisa wasifundisa inyani engcwele kwaye wasikhokelela kuyo yonke inyaniso. Funda kuYohane 14: 26 noYohane 16: 13

Umsebenzi woMoya oyiNgcwele:

- UMoya oyiNgcwele wayesebenza ngexesha leTestamente eNdala.
- Phantsi kwempembelelo yoMoya oyiNgcwele, uDavide wakwazi ukuprofeta ngekamva loNyana kaThixo. Funda iNdumiso 16: 10, iNdumiso 22: 19 kunye neNdumiso 69: 21

- UKumkani uDavide wasifumana isipho sesakramente esinguMoya oyiNgcwele, ke ngoko wacela uThixo ukuba angawuthabathi uMoya oyiNgcwele kuye. Funda iNdumiso 51:11
- Emva kokuthululwa kukaMoya oyiNgcwele ngePentekoste, abaPostile babekwazi ukuthulula isipho soMoya oyiNgcwele kumaKrestu akholwayo. Ngokwenjenjalo sifumana ubuntwana kuThixo kunye nemfuneko yokuba ngamazibulo. Funda Roma 8: 16 kunye namaRoma 8: 28

Iziphumo zoMoya oyiNgcwele:

- Ukutywinwa ngesipho soMoya oyiNgcwele yinxalenye yokuzalwa ngokutsha. Ngako oko ubomi obutsha bobungcwele buyadalwa ngaphakathi kwethu. Funda uYakobi 1:18
- UMoya oyiNgcwele utyhila ukuthanda kukaThixo ikakhulu ngabaPostile bakaYesu Krestu. Funda uYohane 16: 13-14, uLuka 12: 11-12
- UMoya oyiNgcwele ubeka iingcinga ngqo ezintliziyweni zethu kwaye asikhuthaze ukuba siwusebenzise. Thatha eli thuba ngoko nangoko.
- UMoya oyiNgcwele usikhumbuza ngezithembiso zikaYesu Krestu kwaye usinceda ukuba silindele kwaye sizilungiselele ukubuya kwaKhe.
- UMoya oyiNgcwele usinceda ukuba sithabathe isigqibo ngento emasiyenze kwiimeko ezinje apho kufuneka sahlule phakathi kokulungileyo nokungalunganga. Funda 1 Korinte 12: 10-11 Xa uMoya oyiNgcwele ezinokuzingcwalisa / azicoce iingcinga zethu, uKrestu ulawula ngaphakathi kuthi.
- Bonke abantwana bakaThixo bafumene isipho soMoya oyiNgcwele, eliqinisa iqhina lobubudlelwane phakathi kwabo. Funda 2 Korinte 13: 13. Babanye ngokomphefumlo nomoya.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- NjengamaKristu obuPostile obuTsha siyakholwa kuThixo oziqu zithathu, uThixo uYise, kuThixo uNyana noThixo uMoya oyiNgcwele.
- Inqaku lethu lesi-3 loKholo lithetha ngoMoya oyiNgcwele. "Ndiyakholwa kuMoya Oyingcwele, omnye, ongcwele, okho kwilizwe jikelele, kunye nebandla lobupostile, intlangano yabangcwele, uxolelo lwezono, uvuko lwabafileyo, kunye nobomi obungunaphakade."
- Kufuneka sizame ukumamela kwaye sibe noMoya oyiNgcwele usebenze ngaphakathi kwethu!

Funda iNqaku lesi-3 loKholo ngentliziyo kwaye uvumele uMoya oyiNgcwele ukuba ube sisikhokelo sakho.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Silisebenzisa nini igama elithi "ngcwele"?**
   Impendulo: Ubukho bukaThixo budala ubungcwele. ‘uNgcwele’ uthetha ukwahlulwa koko kwenyama, okuqhelekileyo nokungahlambulukanga; kuthetha ukuzikela kuThixo.
2. **Zithini iziphumo zokufumana isipho soMoya oyiNgcwele ngoMpostile nalowo wamkelayo?**
   Impendulo: Ukutywina ngesipho soMoya oyiNgcwele yinxalenye yokuzalwa ngokutsha. Ngako ubomi obutsha bobuThixo buyadalwa ngaphakathi kwethu.
3. **Nika umzekelo wendlela asinceda ngayo uMoya oyiNgcwele?**
   Impendulo: Iyasinceda ukuba sithabathe isigqibo ngento emasiyenze kwiimeko apho kufuneka sahlule phakathi kokulungileyo nokungalunganga. (ezinye iimpendulo ezamkelekileyo zinako ukukubonelelwa)

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen